**URHULUMENTE WENTSHONA KOLONI: ISEBE LEZEMPILO**
**ISIMEMO SOKUTYUNJWA KWAMALUNGU EBHODI EPHONONONGA ABANENGXAKI NGOKWASENGQONDWENI (ENTSHONA KOLONI)**

**Ngokuka-section 20 (2) a; b no- c of the Mental Health Care Act 17 of 2002, (Act 17 of 2002), uMphathi wezeMpilo weNtshona Koloni wenza isimemo kubantu abanomdla, amaqumrhu, imibutho yasekuhlaleni okanye amaqela ukuna anyule ilungu lasekuHlaleni eNtshona Koloni kwisikhundla esingenamntu seBhodi ePhophonga abaneNgxaki ngokwaNgqondweni (eNtshona Koloni).**

**Izithuba ezikhoyo kwiBhodi ePhononga abaneNgxaki ngokwaseNgqondweni:**
**a) Igosa loNonophelo lweMpilo yabaneNgxaki ngokwaseNgqondweni**
**b) Ummeli wezaseMthethweni**
**c) Ilungu lasekuHlaleni**

**IBhodi ePhononongayo inala mandla nale misebenzi ilandelayo:**
(a) Ukuqwalasela izibheno ezimayela nezigqibo zeNtloko yeZiko lezeMpilo;
(b) Ukwenza izigqibo ngokuphathelele ekuncediseni nangokuzithandela kwiinkonzo zononophelo lwengxaki ngokwasengqondweni, unyango kwaneenkonzo zokubuyisela kwimo yesiqhelo.
(c) Ukunika ingqalelo inkqubo yokuphononga kwanokuthatha izigqibo ekuncediseni nangokuzithandela kwiinkonzo zokunonotshelwa kwabo baneNgxaki ngokwaseNgqondweni;
(d) Ukuthathela ingqalelo inkqubo yokuphonononga ethatha iiyure ezingama-72 olwenziwa yiNtloko yeZiko lezeMpilo kwanokuthatha izigqibo malunga nokuqhubela phambili inkqubo yononophelo ngokuzithandela, iinkonzo zonyango nezobuyiselo kwimo yesiqhelo;
(e) Ukunika ingqalelo izicelo zokugqithiselwa kwabaxhamli-nkonzo kwinkqubo yokunonotshelwa kwempilo ngokwasengqondweni begqithiselwa kumaziko akwiqondo eliphakamilayo ngokhuselo; ndawonye
(f) Ukunika ingqalelo uniko-ngxelo oluhlala lusenziwa ngamaxesha amiselweyo ngemeko yempilo ngokwasengqondweni yamabanjwa

**Imimiselo elandelwayo eya kulandelwa ngumtyunjwa :**
**a) Umnyangi wabanengxaki ngokwasengqondweni:**
Kufuneka abe kanti urejistarishile: njengesakhayastristi/ugqirha/umongikazi/i-Othyupheyishinali theraphisti/isayikholojisti okanye unontlalontle oqeqeshelwe ukunika inkonzo yaba nengxaki ngokwasengqondweni, unyango, kwanokubuyisela imeko kwimo yesiqhelo.

**b) Ummeli wezomthetho:**
Iya kuba ngumantyi, i-attorney okanye i-advocate: Lo mtyunjwa makabe urejistarishiwe ngokwemithetho yeRiphabliki yoMzantsi Afrika elawula ukuqeshwa kwabo njengomantyi, i-attorney okanye i-advocate. Umtyunjwa kufuneka abe nolwazi ngomthetho iMental Health Care Act, 2002 kwaneMiqathango ehamba nawo kwaye abe nolwazi oluphangaleleyo kwicandelo lomthetho wezolawulo kunye nomgaqo-siseko.

**c)Ilungu lasekuhlaleni**:
Makabe ngumhlali kwiPhondo leNtshona Koloni kokukona kulungileyo ukuba umtyunjwa unamava okanye umdla kwikhondo loNonophelo lweMpilo lwabaneNgxaki ngokwaseNgqondweni.

d) Bonke abanyuliweyo kufuneka babengabemi boMzantsi Afrika;
e) Babe nezakhono ezibalaseleyo zokuthetha nokubhala kwanokukwazi ukuqonda kakuhle imiba entsonkothileyo/enobunzima;
f) Abanyuliweyo kufuneka babenako ukwenza imisebenzi yabo ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu ngexesha lomsebenzi, bakwazi nokuzimasa iintlanganiso rhoqo ngeveki.
g) Amalungu eBhodi kufanele asebenze iiyure ezi-15 ukuya kwezingama-20 ngeveki .
h) Amalungu eBhodi kufanele akwazi ukusebenza iiyure ezi-15 ngeveki.
**Nawuphi na umntu, umbutho wasekuhlaleni okanye iqela elityumbayo nabatyunjwa mabanikezele ngezi nkcukacha zilandelayo kwigosa lesebe ngokwezi nkcukacha zikhankanywe apha ngezantsi :**
* Nceda uqaphele ukuba iSebe lenze iifom ezizodwa, eza kuthi zincede abantu ngokunika lonke ulwazi malunga nomtyunjwa. Ezi fom zingafumaneka kuNkosikazi B Beukes at Bianca.Beukes@westerncape.gov.za (021 815 5749).
* Igama elipheleleyo kunye ne-adresi yomntu, uluntu okanye umbutho otyumbayo;

* Izizathu zokuba umtyunjwa abe kanti usilungele isikhundla;
* Igama elipheleleyo ne-adresi yomtyunjwa;
* Ikopi yecurriculum vitae esayiniweyo;
* Ingxelo ebhaliweyo eyenziwa ngumtyunjwa nokuzimisela kwakhe ukusebenza njengelungu leBhodi.

***Nomination forms must be sent to: Mr N Mavela, Director: Professional Support Service; Telephone: (021-483 3316 ; Email: Bianca.Beukes@westerncape.gov.za (021 815 5749) Iifom zokutyumba mazithunyelwe ku: Mnu N Mavela, UMlawuli: Metro Health Services, Private Bag X15, Parow, 7500. Ifowuni: (021) 815 8669 ; Imeyili: Bianca.Beukes@westerncape.gov.za (021 815 5749)***

**Qaphela oku kulandelayo:**

* UMphathiswa wezeMpilo eNtshona Koloni nguye enegunya lokuphononongа ukufakwa kwabantu ezikhundleni.
* Imisebenzi yeBhodi ePhononongayo kwaneentlanganiso zakuhlala kwii-ofisi **zeBhodi ePhononongayo** kwiSibhedlele iLentegeur eMitchells Plain kodwa amalungu kungafuneka aye kwamanye amaziko kwalapha kwiPhondo leNtshona Koloni;
* Amalungu eBhodi ePhononongayo ahlawulwa ngeyure kwaye ayabonelelwa ngeendleko zokuhamba kuquka ukusuka ekhaya ukuya e-ofisini ngokwentlawulo emiselweyo. Xa amalungu eBhodi kunyanzeleke ukuba akhe angabikho ekhaya ngenxa yomsebenzi, iindleko zokuhamba nenkxaso ziya kufana neNtlawulo yaBasebenzi bakaRhulumente eNtshona Koloni.
* Ingqesho iyakwenziwa kuthathelwe ingqalelo imiba efana nesini nobulungisa
* Inkqubo yokutyumba iya kuphelelwa ngomhla: 25 February 2022